Ukukhuthaza ubulwimi-ninzi kule Mihla yooTrump neBrexit: isiMemo seNkomfa eZayo ye-4S (nokunye)

Kwinkomfa iBoston 2017, i4S imema **abaprizenti baze kuprizenta amaphepha abo ngeelwimi ezingesiso isiNgesi..** I-4S iyayiqonda into yokuba isifo sokoyika ezinye izizwe nokuthanda isizwe ngokugqithisileyo kuthande ukuxhoma umgangatho kwiindawo ezininzi. Nangona isiNgesi silulwimi ***olucwangciswe kakuhle*** oluthethwa kakhulu ngabantu abaninzi noluthe lwathandelwa uqhagamshelwano nonxibelelwano kwihlabathi ngokubanzi, olu lulwimi olusesikweni nje kumazwe angephi; ikakhulu kwelaseMelika nelaseBhritane. Imigaqo-nkqubo yakwangokunje yala mazwe mabini ithumela umyalezo othi la mazwe ayazikhusela ezenza amalolo, nto leyo, ngokuphandle, ibeka ebungozini ukuncwane nexabiso lobudlelwane phakathi kwabantu ngabantu. Ukusabela loo nto, injongo yeli linge kukushenxisa isiNgesi ekubeni lulwimi oluthatyathwa **njengolona lwenene** lwale nkomfa nezinye iinkomfa zezizwe ngezizwe. Ubulwimi-ninzi kufuneka bamkelwe kananjalo bukhuthazwe ukucacisa into yokuba ihlabathi linto-ninzi kakade.

Njengoko esi simemo sibhekiswa ikakhulu kwabo abalwimi lwabo lweenkobe kungesiso isiNgesi, abo bathetha isiNgesi kuphela bangacela ezinye izithethi zibabhalele okanye zibarekhodishele iiprezinteshini zabo ngolunye ulwimi. Zininzi iindlela zokubonisa ubulwimi-ninzi kwaye ke ngoko sikhuthaza ubuchule bokuyila malunga naloo nto. Ukuqinisekisa ukuviwa ngokupheleleyo kweprizenteshini nganye, abaprizenti kufuneka basinike iiprizenteshini eziguqulelwe esiNgesini nezinokusasazwa ngeendlela ezininzi: iphepha elipheleleyo, isishwankathelo, izilayidi ezipheleka intetha, okanye ezinye iindlela ezinokuthi ziyilwe.

Le nto ke phofu iya kuba lilinge elidityanelweyo okukuqala’apho siya kuzama iindlela ngendlela abaprizenti abanokuvakalisa ngazo izimvo zabo ngolwimi abaziva bekhululekile ukuluthetha, ngeli lixa izimvo zabo bazenze zavakala noko isiNgesi.